duducoelho.com

YINTONI IMPILO YOMHLABA OKANYE UKUCHUMA KOMHLABA?

Ukuchuma komhlaba sisakhono somhlaba sokusebenza njengento ephilayo kubudlelwane bendalo. Ngobudlelwane bendalo sibhekisela kuzo zonke izinto eziphilayo ezisingqongileyo (iintsholongwane, izilwanyane, izityalo, abantu) nonxulumano phakathis kwazo nokusingqongileyo (umoya, imozulu, umhlaba, ilanga njalo njalo.).

Umhlaba ophilileyo uqhubelelekisa impilo yeentsholongwane eziphila kuwo, unike izityalo nezilwanyane eziphila kuwo impilo, kwaye ugcine ukugqibeleleka kwamanzi emilanjeni nomoya osingqongileyo.

Ukukhuliswa kwezityalo ezahlukeneyo eziwulungeleyo umhlaba nemozulu kubalulekile kwimpilo yomhlaba. Izityalo ezahlukeneyo zinika umhlaba ukutya okwahlukeneyo ukondla iintsholongwane ezahlukeneyo emhlabeni. Zijike ke zona iintsholongwane ezo zondle izityalo ngamanzi nezondlo ezahlukeneyo.

Umhlaba ochumileyo awudingi zifakwa zangaphandle (izichumisi nezibulala khula) into eyinzuzo kubalimi.

www.acbio.org.za info@acbio.org.za Tel +27 (0)11 486 1156

african centre for biodiversity